## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijanra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini ibe le yokuqala ingachanekanga, ize le yesibini ibe ichanekile, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa u-EWE/HAYI okanye u NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa u-YINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/ YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## *KUSA KUSIHLWA* – KS BONGELA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Kubhujiwe/Kuswelekiwe. ✓/Sokusweleka kukaLungile noNomakhwezi ✓/Sokusweleka kwabazali bakaMpumelelo. ✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (1)

1.1.2 KuNomakhwezi kunye noLungile. ✓✓ (2)

1.1.3 Wayengumakhulu kuye kuba wayengudadobawo kamama wakhe. ✓ (1)

1.1.4 Sinika intsingiselo ethi zange bajikeleze/zange bathalalise. ✓ (1)

1.1.5 Ngamaxesha athile wayebonisa ukuphazamiseka ngokwasengqondweni emva kokusweleka kwabazali bakhe ✓✓/ Wayemana ephambana akubona umlilo ngexesha asesikolweni. ✓✓ Wayephazamiseka ngokwasengqondweni ingakumbi xa ethe wabona into emkhumbuza esa sehlo. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

1.1.6 Kukuba umntwana uyakwazi ukukhula,aphile aze aphumelele abazali bengasekho. ✓✓/Izizalwana ngabantu abafanele ukuncedana njengoko uThamsanqa noYolisa abazalana noMpumelelo baye balulutho kwimpumelelo yobomi bukaMpumelelo. ✓✓ Indlovu ayisindwa ngumboko wayo. ✓✓ Uncedo lukaThixo lubakhona emntwini ngamaxesha onke. ✓✓

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (2)

1.1.7 UNozililo akuba engakhange ayifumane ivenkile wagcwala ngumona. ✓✓/Waphela esenza amayelenqe okuzama ukutshabalalisa yonke into edibene noLungile nevenkile. ✓✓ Ukuxabanisa uNomaKhwezi kunye noLungile kuba enomona ngevenkile. ✓✓ Ukuzama ukutshisa ivenkile kaLungile kuba enomona. ✓✓ Ukuzama ukubulala uMpumelelo ngokumthengela ootsotsi. ✓✓ Ukuthi bathengisa izinto ezibiweyo evenkileni, kungenjalo. ✓✓ Ukutshonelwa ziimali kukaNomakhwezi ezama ukufumana ivenkile kaLungile. ✓✓

**[Naziphi eziMbini kwezi zingentla.]** (2)

1.1.8 Ubelithamsanqa kuba wajonga ivenkile yakuloMpumelelo ngexesha yena esesikolweni ✓✓/Nguye othe waxhasa uMpumelelo kwizifundo, wadlala nendima yobuzali. ✓✓/Wagcina ivenkile isebenza engabonakalisi mona. ✓✓ Ithamsanqa lokususwa egaraji aphele engumphathi nomnini venkile. ✓✓ (2)

1.1.9 Uye wazimisela kakhulu ezifundweni zakhe waphela ephumelela ✓✓/Ube namandla ebomini emva kokuba ethe washiywa ngabazali. ✓✓

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (2)

1.1.10 Usifundisa into yokuba amakhaya amabini afanele ukusebenzisana xa kuthe kwehla into embi, angabe esilwa. ✓✓/ Ubunye bubalulekile phakathi kosapho ukulungiselela imini ezinzima. ✓✓

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (2)

1.1.11 Sibonakalisa uvuthondaba. ✓ (1)

## ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 Wayengutatomncinci kaMpumelelo. ✓/Wayengumninawa katata wakhe. ✓ (1)

1.2.2 EMgungundlovu/eThekwini. ✓ (1)

1.2.3 Ngabantu ababethengisele uLungile ivenkile ✓/Ngabantu bevenkile phambi koLungile. ✓ Yayingabanini venkile phambi kokuba uLungile afike ✓/ULungile wathenga ivenkile kubo. ✓ (1)

1.2.4 Kunjalo uNozililo wajikelwa zizinto zakhe zokungcola apha ebalini. ✓✓/Okubi uNozililo awayekwenza kwamjikela ✓✓/ Amayelenqe nomona kunye nezinto ezimbi zabuya ngaye ✓✓/ Kuba waphela ebanjwa ephinda etshiselwa nendlu ngabantu awayebabambisile baziphindezela kuye. ✓✓

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (2)

1.2.5 Wayeqhutywa ngumona wokuba engazange ayifumane/ kukufumana kwevenkile kukaLungile eMlazi akugqiba ukungabi yinzalelwane yaseThekwini. ✓✓/Wayenomona wevenkile kaLungile kuba ecinga ukuba ililungelo labo. ✓✓ (2)

1.2.6 Imigulukudu ngabantu abazizaphuli mthetho kwaye kudala beyenza loo nto ✓/Ngabantu abanamava nobuchule bokwaphula umthetho. ✓/ngotsotsi ✓/ngonqalintloko. ✓ (1)

1.2.7 Waphela etshiselwa indlu yakhe esweleka. ✓/Waphela esifa ngenxa yokutshiselwa endlwini yena nomyeni wakhe. ✓ (1)

1.2.8 Kubonisa ukuchubeka ngokwasengqondweni ✓✓/ukuzola kwengqondo ✓✓/Ukuyibona into engazokumenzelanto ✓✓/ ukungazidinisi ethoba nesidima sakhe ngabenzi bobubi ✓✓/ Ukuyazi ukuba ikhona imini esisidenge. ✓✓

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (2)

1.2.9 Luluvo kuba asingabo bonke abantu abathanda imali. ✓✓/Imali ayingonobangela wengxaki ebantwini bonke. ✓✓ (2)

1.2.10 (a) Impixano yangaphandle. ✓ (1)

(b) Kufe abantu ✓/Kutshe ivenkile/Kudaleke inkedama ✓/ Ubunzima bobomi kuMpumelelo ✓/Ingxabano phakathi koLungile noNomakhwezi. ✓ (1)

1.2.11 Ndandingenakubagweba kakhulu ngenxa yokuba babethunywe nguNozililo ✓✓/Ndandiza kubagweba kakhulu kuba benze okubi ✓✓/Ndandiza kubayekela kuYehova andigwebele bona. ✓✓

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (2)
**[35]**

**UMBUZO 2**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM NGANI**

**ISICATSHULWA A**

2.1 2.1.1 Uncokola kunye noMnumzana uJoe Bumba. ✓/noSipho Bumba ✓/ noJola/noJoe. ✓ (1)

2.1.2 Babencokola beseRhio Cinema. ✓ (1)

2.1.3 Ngumphathi weRio Cinema ✓/Wongamele iRio Cinema. ✓ (1)

2.1.4 Wayezekuqhuba uphando malunga nokusweleka kukaEddie Maga noLulama Zuma ✓✓/wayeze kuphanda malunga nokusweleka kukaEddie noLulama. ✓✓ (2)

2.1.5 Abonisa ulonwabo kubasebenzi ✓/Ukusebenza ngokuzimisela ✓/ Uthando lomsebenzi ✓/Umoya omhle emsebenzini ✓/Impatho entle kumphathi wabo ✓/Ukusebenza kamnandi. ✓

**[Naziphi eziMbini kwezi zngentla.]** (2)

2.1.6 Wathetha kakubi egxeka iMoonglow ukuba imdaka kwaye ayingomzekelo wendawo yokonwabisa uluntu. ✓✓/Lo mbutho awunasidima kugquba amanxila nonopatazana nemigewu. ✓✓ (2)

2.1.7 Ukuba ebeligwala le ngongoma ibizakuba sekhosi ✓✓/Umntu oligwala impawu zokubethwa zibangasemva kuba ethanda ukubaleka ✓✓/Uyamncoma ukuba akalilo igwala koko ulikroti. ✓✓ Ufuna akhuthale kumsebenzi wakhe onobungozi. ✓✓ (2)

2.1.8 Limfanele kuba linene kwaye ubaphethe kakuhle abaqeshwa bakhe. ✓✓ Ubunjwe kakuhle kuba unobuntu,uthando, inkathalo kunye nenyani. ✓✓ Unxiba kakuhle ✓✓ Isipho sokuphatha imali ✓✓/Isipho sokucinga phambi kokuba enze ✓✓/Ukuthetha kakuhle nabantu. ✓✓ (2)

2.1.9 Waye wamxelela ngenenekazi elaye lafika eRio linxibe idyasi emfumamfuma embala uHobe. ✓✓ Eli nenekazi lemka ngemoto laze lafika lemisa kwisinga esikhulu lacima imoto leyo. ✓✓/ Wamchazela ngenenekazi elangena eholweni lakhangela ngathi lifuna umntu, laphuma lingafumananga ncedo lwamntu. ✓✓ Wachazelwa ngetape-recorder eyayithengiselwe uEddie nguJoe Bumba. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (2)

2.1.10 UNongqawuse ngumboniso bhanya-bhanya owawuboniswa ngeli thuba uEddie noLulama baswelekayo ✓✓/Yintombi yomXhosa eyalahlekisa amaXhosa kudala ukuze abulale imfuyo nesivuno ✓✓ /uJoe uthi sisihelegu sokusweleka kukaEddie noLulama ✓✓/Yinto engasoze yenzeke. ✓✓ (2)

2.1.11 Rhio Cinema ✓ (1)

## ISICATSHULWA B

2.2 2.2.1 Babephangela bonke eMoonglow. ✓ (1)

2.2.2 Waye wasweleka kwingozi yemoto. ✓/Kodwa okwenze le ngozi yimbumbulu eyafunyanwa elukhakhayini entloko kuEddie ✓/ Wayedutyulwe waze woyiswa kukulawula imoto. ✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (1)

2.2.3 Kwakurhanelwa uLinda owayesisithandwa sikaEddie. ✓/uLinda Monti. ✓

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

2.2.4 Wayewuqonda ukuba umqol’uphandle. ✓✓/Inyani ivelile ngoko basengxakini. ✓✓/Kwaye yayinguye awayezenze uNkosikazi Hobe/UMakazi kaEddie. ✓✓ Uhili uphumile ezingcongolweni. ✓✓/ Iliwa libheke umoya. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (2)

2.2.5 Kuthiwa wayengusokadala ✓✓/wayeyindoda endala engenamfazi. ✓✓ (2)

2.2.6 Igama lakhe nguThemba Mdoda. ✓ (1)

2.2.7 (a) Impixano yangaphandle.✓ (1)

(b) Ibangele ukurhanelwa kwesithandwa sikaEddie uLinda Monti ✓/Ukubanjwa kukaLinda Monti ✓/Ukufa KukaEddie Maga ✓/Ukuvela kwababulali bakaEddie. ✓ (1)

2.2.8 UEddie wayexelele uThembisa ngomakazi wakhe oseKomani ✓✓/ umashini waveza amalungu aseMoonglow efuna ukuthengisa intsangu waze yena uEddie akavuma. ✓✓/Wawungqina nokuba nyhani ngabo ababulali kuba umhla wencoko nezigqibo zabo ngoEddie zazidibana nomhla wokufa kwakhe. ✓✓ (2)

2.2.9 Ibaveza njengabantu abangalunganga kuba naku uThembisa esebenzisa imfihlelo ewayezixelelwe nguEddie ukuze afumane kwilifa likaEddie. ✓✓Akwazi ukwenza iyelenqe kumalinge abo okuzama ukufihla ubungqina xa bathe bamsusa esihlalweni ngokumbulala uEddie. ✓✓

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.]** (2)

2.2.10 Kwabangela ukufunyanwa kwababulali bakaEddie. ✓✓Kwavezwa ukuthengiswa kwentsangu eMooglow. ✓✓ (2)

2.2.11 Ukwetha kwezinto ✓/isisombululo sengxaki ekhoyo ✓/ukuvela kwezinto ebezikade zifihlakele. ✓Uvuthondaba. ✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 3

## *NDIYEKENI* – DM JONGILANGA

## ISICATSHULWA A

3.1 3.1.1 Zazithetha zisendlwini kwaMadala. ✓/Zazisemzini kaMadala. ✓ (1)

3.1.2 Nobutho Higher Primary School. ✓ (1)

3.1.3 Wayezokuxela ukuba uMawonga Loni akasaphangeli ekwancwase nesihlalo sikaMawonga sobunqununu. ✓ Wayezokuxela ukuba uMawonga akawenzi umsebenzi wakhe kwaye makabonelwe icebo. ✓ (1)

3.1.4 NguMaziko, ✓kuba nguye ontyontyele uMawonga ukuba makwenziwe into ngokusela kukaNdila esikolweni. ✓ NguMaziko, ✓kuba wayebasela umlilo phakathi koNdila noMawonga kuba yena encwase isikhundla sikaMawonga. ✓ NguMaziko, kuba wathi makaziphindezele. ✓ (2)

3.1.5 (a) Isichasaniso. ✓ (1)

(b) Uthetha ukuba kutheni ezenza ngathi akukho nto ayaziyo kodwa unamava kwaye uyazi. ✓ (1)

3.1.6 Ungumntu ongenanyani. ✓/Akathembekanga. ✓/Unyolukile. ✓/ Uthanda imali. ✓ Ulimenemene. ✓/Uhlohlesakhe. ✓/Akanampawu zobunkokheli. ✓

**[Naziphi eziMbini kwezi zingentla.]** (2)

3.1.7 Bafana ngokuthanda ukwenza izinto ezimdaka ✓/ukungamazi omnye umntu ✓/ukucingela iziqu zabo kuphela ✓/ukunyoluka ✓/Ngabantu bamayelenqe. ✓

**[Naziphi eziMbini kwezi zingentla.]** (2)

3.1.8 Akasaphangeli kwaye uyanxila esikolweni. ✓/Iziphumo zabafundi zibi kuba akasaphangeli kakuhle. ✓ Akasawenzi umsebenzi wokufundisa ngenxa yokunxila. ✓ (1)

3.1.9 Abanye abafundisi kuba besoloko besilwa ✓✓/abantwana baye bangafundi kakuhle baphela betshona ✓✓/Abafundi ababinayo imbeko ✓✓/Abanye ootitshala baye bangawuxabisi umsebenzi wabo. ✓✓ (2)

3.1.10 Luluvo, abazali abaninzi balulutho esikolweni. ✓✓

**OKANYE**

Yinyani, abanye abazali bafike badale imilo ezikolweni loo nto ibangele ukuhla komgangatho wemfundo. ✓✓ (2)

3.1.11 Kunjalo, kuba nalapha encwadini uMawonga uchanwe nguMaziko, yena engayiboni loo nto. ✓✓ (2)

**ISICATSHULWA B**

3.2 3.2.1 NguZanele. ✓ (1)

3.2.2 Wayesisithandwa sakhe. ✓ (1)

3.2.3 Wayengumfundisi-ntsapho/Utitshala. ✓ (1)

3.2.4 Zazidibana qho ngempela-veki ukuza kusela ✓/Yayiyindibano abazonwabisa kuyo. ✓ Yayiyindawo yabo yeendibano ✓/ KwakukwaFuneka apho kwakudliwa khona imali zabantu. ✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (1)

3.2.5 Makhe basele ubutywala kuqala. ✓✓/Makhe barhabule kuqala. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (2)

3.2.6 NguMawonga Loni. ✓ (1)

3.2.7 Iye yabangela ukuba uMawonga Loni axabane nendlu yakhe. ✓✓/ uMawonga uye waphelelwa ngumsebenzi. ✓✓/UMawonga uphela esweleka ngokuzibulala. ✓✓ uMawonga uye aphalale kwenzeke njengoko ebefuna uNdila. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

3.2.8 Babesele begqibile ukumphalaza. ✓✓/Babesele beyenzile le nto babefuna ukuyenza kuye. ✓✓/Wayengasenayo imali. ✓✓/ Wayengasenalo ixabiso kubo. ✓✓ (2)

3.2.9 Inkukhu ingalilisela sukube iqanda ilelayo. ✓✓/Imbiza iviwa ngumpeki. ✓✓ Zingasuzelana zityebile. ✓✓ (2)

3.2.10 Buvezwe njengesixhobo sokutshabalalisa umntu ✓✓/Isixhobo esisetyenziswa ngabantu xa belungisa izinto ✓✓/Ngumlahlekisi nombulali wamakhaya ✓✓/Njengomniki sibindi/Ngomdubi xolo ✓✓/ Njengomphixanisi. ✓✓

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.]** (2)

3.2.11 (a) Ukujiya kwezinto ✓/Ukuyondelelana kwezinto. ✓ (1)

(b) UFuneka noZanele babanjwa ✓/UNdila wagwetyelwa ubomi entolongweni ✓/Usapho lukaLoni noNdila lwashiyeka lunganabazali ✓/Abantwana ababefundiswa zezi titshala baye basokola. ✓ (1)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 4

## *NDAKUYICEL'UVUTHIWE* – LL NGEWU noE. Z. GUQA

## UMHLAHLO NGAMEHLO: LL NGEWU

## ISICATSHULWA A

4.1 4.1.1 Kwakuxoxwa ityala lokudlwengula kukaNompoxeko nguZolani. ✓/ Kwakuxoxwa ityala lokudlwengulwa. ✓/Lokuxhatshazwa kukaNompoxeko ngokwesondo ✓/Ukuzithathela ngolunya kukaZolani kuNompoxeko. ✓/Ukuthotywa kwesidima sikaNompoxeko nguZolani.

**[Nayiphi na kwezi.]** (1)

4.1.2 Igama lommangali yayinguNompoxeko. ✓ (1)

4.1.3 Igama lomtshutshisi yayinguTshayizule. ✓ (1)

4.1.4 Babezithanda kwaye babengamahomba ngokwenkangeleko echazwa ngumbhali. ✓✓ (2)

4.1.5 UZolani yena wayezolile engashukumi. ✓ (1)

4.1.6 Ukufaneleka kommangalalelwa. ✓/Ukuzola kommangalelwa. ✓/ Ukuqiniseka kukaZolani. ✓/Ukuthobela umthetho wexhwele lakhe. ✓

**[Naziphi eziMBINI kwezi zingentla.]** (2)

4.1.7 Saba nefuthe elibi kuba uZolani waphuma etshaya. ✓/UZolani wazibona emkhulu kunomthetho. ✓/Waye wabajongela phantsi abantu ababhinqileyo. ✓Waqhubekeka nesimo sakhe sokudlwengula kuba engazange afumane sigwebo. ✓

**[Naziphi eziMBINI kwezi zingentla.]** (2)

4.1.8 Ngabantu abangamadoda kuba isininzi sabo sibabona abantu basetyhini bafanelwe ukuxhatshazwa ngokwesondo. ✓✓/Amadoda amaninzi ngawona asoloko ethanda ukwaphula umthetho ✓✓ Bacinga ukuba bangenza nantonina kubo benganamandla okuziphindezela kubo. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (2)

4.1.9 Igama likaNompoxeko lihambelana nokuphoxeka kwakhe xa wayelahlwa lityala emva kokudlwengulwa nguZolani ✓/UNonkanyezi yena igama lakhe limfanele kuba uye waphumelela kwelakhe ityala lokudlengulwa nguZolani. ✓ UNompoxeko waziphoxa kuba azange akwazi ukuzithethelela ngexesha kuxoxwa ityala lakhe lokudlwengulwa nguZolani ✓/UNonkanyezi yena waza nobungqina obabangela ukufunyanwa kukaZolani enetyala. ✓

**[Nasiphi na isibini.]** (2)

4.1.10 Yinyani, bakhona abanye abantu abaye baphume phambili kuba benenkolo yokuba basindiswe ngamayeza esiXhosa. ✓✓

**OKANYE**

Asiyonyani kuba nanku uZolani wagwetywa ethembele emayezeni. ✓✓ (2)

4.1.11 Umbhali ufundisa ukuba akukho nkanga idubula ingethi ✓✓ Xa usehlelwa yingxaki enje ngale zama ukuba kubekho ubungqina ✓✓ Sebenzisa izixhobo zendalo ozinikiweyo nguMdali ✓✓ Sukuhamba ngobusuku wedwa uyintombi ✓✓/Izinto ezimbi zibanesiphelo esikwanjalo. ✓✓ Akukho nto ingenasiphelo sayo. ✓✓

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.]** (2)

**ISICATSHULWA B**

**NDAKUYICELA IVUTHIWE: LL NGEWU**

4.2 4.2.1 Esi sibini nguQolwana noNozukile. ✓✓ (2)

4.2.2 Igama lakhe nguMavumisa. ✓/Isiduko sakhe nguMavumisa. ✓ (1)

4.2.3 Isibaxo/Ubabazo. (1)

4.2.4 UQolwane uthathe umfazi engakhange adlule kumadoda ekhaya ✓✓/ AmaNdlambe athe utyeshele isiko laMandlambe malunga nendlela yokuthatha umfazi. ✓✓ Khange awahloniphe amaNdlambe engoyise kuye. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (2)

4.2.5 “Akrobe qho emphandeni” ✓ (1)

4.2.6 (a) Yimpixano yangaphandle. (1)

(b) Wathatha impahla wemka. ✓/Waphela emehlweni. ✓/Waphela umzi. ✓/AmaNdlambe oyisakala. ✓ Washiya abantwana noyise waphela emehlweni./Woyiswa kukwenda.

**[Naziphina eziMBINI kwezi zingentla.]** (2)

4.2.7 Waye wabiza amadoda ekhaya amaNdlambe. ✓✓Waye wabizela ooyisekazi entlanganisweni. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (2)

4.2.8 AmaNdlambe athi ayavelana noQolwana kodwa amxelela ukuba ayemxelele ayakukhe asibone isiphumo sale nto ayenzayo. ✓✓ Bathi baya kuyicela ivuthiwe,kwaze kwanjalo ✓✓/Makazibonele kuba oxhel’eyakhe akabuzwa. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (2)

4.2.9 Ewe, kunjalo kuba uQolwana noNokwanda zange bafumane ngqeqesho yomntu ongutata. ✓✓ Loo nto yabangela ukuba izinto bangazenzi ngendlela ebekumele ukuba zenziwa ngayo ✓✓/Baye baqhela ukuzenzela izigqibo bengacingi nokuba le nto yanele amadoda ekhaya xa esekho. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi.]**

**OKANYE**

Hayi,umama wabo kwelinye icala wayengumntu ongakhathaliyo ✓✓/ Umama oselayo akanalo ithuba lokujonga usapho. ✓✓ (2)

4.2.10 Uvuthondaba. ✓ (1)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO D: IMIBONGO

## *VUKANI MADODA* – A STEMELE

## UMBUZO 5.1 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## IBHABHATHANE: LS NGCANGATHA

5.1 5.1.1 Imfano zandi. ✓ (1)

5.1.2 Sisinambuzan'esithand'ukudl'amacwaka. (1)

5.1.3 Sisinambuzane. ✓ (1)

5.1.4 Ngamanzi xa ezakubila ✓/Iintombi zakwantu xa zicula kwantonjane ekuseni. ✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (1)

5.1.5 (a) Isichasaniso.✓ (1)

(b) Sibonakalisa ukunganyabi kwebhabhathane ✓/Ukudlamka kwebhabhathane. ✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (1)

5.1.6 Lithanda indawo ezinezityalo. ✓/amathafa ✓/indawo ezinemithi ✓/ Amagcume. ✓

**[Naziphi eziMbini kwezi zingentla.]** (2)

5.1.7 Umthathi uyawuzala umlotha. ✓ (1)

5.1.8 Kungokuba ibhabhathane lona alinazinto zigwenxa ✓✓/Kuba alifani nekhiwane lona lingabonakala lilihle kanti libolile ngaphakathi.✓✓/ Liyanelisa. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (2)

5.1.9 Ibhabhathane liqala libe linyiki/umbungu. ✓ (1)

5.1.10 Umbhali ulichaza ibhabhathane elibuka libhabha kwimiqolo yokuqala esibhozo. Kwimiqolo emithandathu ulichaza lihleli phantsi lingabhabhi. (2)

5.1.11 Ibhabhathane liphumela ngaphaya kwemeko ezinzima ✓✓/Zonke imeko ezinzima zibalula kwibhabhathane ✓✓/Ibhabhathane lomelele. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (2)

5.1.12 Isonethi ✓ (1)

5.1.13 Litya ingcongconi ezihluphayo ✓/izinambuzane ezincinci ezibhabhayo. ✓

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

**UMBUZO 5.2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INKONJANE: VV SIGONYA**

5.2 5.2.1 Yintaka. ✓ (1)

5.2.2 Imiqolo yesitanza sokuqala mine, ✓ Umqolo ngamnye unagama amane. ✓ Imvano siqalo. ✓

**[Nasiphi isibini kwezi.]** (2)

5.2.3 Yayizotyiwe ngenene ngemini yehlobo. ✓Imbenje-mbeje. ✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (1)

5.2.4 Esi sitanza siqulathe ukuthabatheka ngaphakathi kombhali, bubuhle bale ntaka. ✓✓ (2)

5.2.5 Ezinelanga. ✓ (1)

5.2.6 Yimpixano yangaphakathi. ✓ (1)

5.2.7 Yimfano zandi ✓/Isifanodumo. ✓ (1)

5.2.8 Kungokuba ibhekisa kuyo. ✓/Ithetha ngendlela ethe yona yathabatheka ngayo. ✓ngendlela yona ethe yavakalelwa ngayo. ✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (1)

5.2.9 Weliso ✓/Wemehlo. ✓

**[Nayiphi na kwezi.]** (1)

5.2.10 Imbongi incoma umntu obhinqileyo emthandayo. ✓✓ (2)

5.2.11 Akunjalo,kuba ithi babekhona abanye abantu kodwa yabangathi ikhethekile kubanye abantu. ✓✓ (2)

5.2.12 Hayi kuba uyifanisa nengelosi. ✓/uthi yintaka yasezulwini engcwele. ✓/Uthi inyulu. ✓

**[Naziphi eziMBINI kwezi zingentla.]** (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**